



Inombolo yefayili: 3/3/2/4/12
Isalathiso: 20240111-747

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0002/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko ezinika iNkxaso kuBafundi kwiZithili, kwiiNqununu nakubo bonke aBasebenzi beNkonzo kaRhulumente

Isihloko: Abaqeshwa abangabalawuli benkampani karhulumente okanye yabucala abaqhuba ushishino nesebe neziko lolawulo likarhulumente

1. Umhlathi13(c) weCandelo1, kwiSahluko 2 seMimiselo yeNkonzo kaRhulumente (*Public Service Regulations*), ka-2016, eqale ukusebenza ngowo-01 Agasti 2016, ucacisa ukuba umqeshwa: "akayi kuqhuba ushishino nesebe okanye neziko lolawulo likarhulumente, okanye abe ngumlawuli wayo nayiphi na inkampani karhulumente okanye eyabucala eqhuba ushishino nesebe okanye neziko lolawulo likarhulumente ngaphandle kokuba umqeshwa wenza umsebenzi awuqeshelweyo ngurhulumente njengomlawuli osesikhundleni wenkampani ekuluhlu lweshedyuli 2 no-3 kuMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (*Public Finance Management Act*)". Lo mqathango unokuguqulwa apho kuyimfuneko (*mutatis mutandis*), usebenza kubaqeshwa abaqeshwe ngokoMthetho weNgqesho yooTitshala (*Employment of Educators Act*), ka-1998 (uMthetho 76 ka-1998).
2. Abaqeshwa abangabalawuli benkampani karhulumente okanye yabucala nabasaqhuba ushishino nesebe okanye neziko lolawulo likarhulumente mabayeke ngoko nangoko ukusebenzela inkampani leyo yaye baqinisekise ukuba amagama abo akhutshiwe ngokufanelekileyo kwirejista i-Companies and Intellectual Property Commission's Register okanye baziqhawule iinkonzo zabo nesebe.
3. Ukungayithobeli le miqathango icaciswe kule ngcaciso imfutshane kungakhokelela ekubeni kuthathwe amanyathelo oluleko ngakumqeshwa.

4. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abaqeshwa abaphantsi kolawulo lwakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZESEBE

UMHLA: 2024-01-29